# Proverb 9: Igqabi Aliwi Kude Nomthi Walo

**Sipho:** Owu! Nyana kamfundiisi!

**Hlumelo:** Halala ndoda! Halala! Halala ndoda! Halala ndoda!

(*UHlumelo udibana nomhlobo wakhe uSipho. Bayabulisana. Bayatakataka luvuyo lokubonana njengabahlobo*)

**Sipho** (onxibe ihempe ebomvu): Halala! Halala ndoda!

Intsangu, intsangu, intsangu!

**Hlumelo**: (*Uvula iBhayibhile afake kuyo intsangu*)

Tyhini le ntsangu! Intsangu!

Iphi le ntsangu? Ilapha le ntsangu (utsho evula iBhayibhile)

**Sipho** (onxibe ihempe ebomvu): Sure, sure, sure! Nyana kamfundisi!

**Hlumelo:** Nantsi le ntsangu (*unika uSipho intsangu eyirhola eBhayibhileni*). Andimazi naloo Yesu mna!Andimazi!

**Sipho:** Nyana kamfundisi. Utatakho. Halala ndoda! Halala ndoda!

**Hlumelo:** Sharp! Sharp!

**Sipho** (*onxibe ihempe ebomvu*): Sure! Sure mfo wethu! Ndiyahamba nale ntsangu *(Bayohlukana*)

**Hlumelo**: (*Uthetha yedwa, uhlohla intsangu ebhrukhweni, uyagoduka*)

Mandibe ndihlohla. Akayazi ukuba andisuki caweni mna. Yhu! Hey! Ndiyayicaphukela ndiyayicaphukela le nto! Yhu!

(*UMxesibe uncokola nenkosikazi yakhe*)

**Mxesibe:** Nkosikazi! Lo nyana wakho ude afike nini aph'endlini?

| | |
|---|---|
| **MamNtshilibe:** | Hayi inokuba usagqithe kootshomi bakhe maan tata, abahlobo bakhe. Uyaqonda? |
| **Mxesibe:** | Kaloku ndiza kude ndibe late kulaa nkonzo. |
| **MamNtshilibe:** | Owu shame utata. Hayi inokuba uza kufika sendigqibe nokupheka.Uyaqonda? |
| **Mxesibe:** | Yhu! Nditsho nditye ndihluthe. Yhu !Le Ntwana ihleli phi na nayo? |
| **MamNtshilibe:** | He ee! Loo nto yhazi ziyaphel'izinto ngoku Aph'endlini. Ndiyacinga ngoku ukuba kufuneka ndenze amacebo alusizi ukuze ndiphek'isupper. |
| **Mxesibe:** | Hayi suba naworry wena izinto ziza kuba right. Kuza kulunga.Izinto ziza kuba right. |
| **MamNtshilibe:** | INkosi iza kusibona. |

(*Kuthi besathetha njalo, dyulukudu, angene unyana wabo uHlumelo*)

| | |
|---|---|
| **MamNtshilibe:** | Tyhini nank'unyana wamu! |
| **Hlumelo:** | E! Tat'am |
| **MamNtshilibe:** | Iyu bethuna, Mhle ke! Owu! |
| **Hlumelo:** | Mama ndiyashumayela! |
| **MamNtshilibe:** | Ewe nyan'am. |
| **Hlumelo:** | Ndishumayela kakuhle. (*utsho ephathaphatha iBhayibhile*) |
| **MamNtshilibe:** | He e! Ufuze mna! |
| **Mxesibe:** | *(urhola ipasile kwipokotho kaHlumelo*) Tyhini! Yintsangu le! |
| **Hlumelo:** | Hayi tata! hay tata ayoyam! Ayoyam! |
| **Mxesibe:** | Yintsangu le! Yintsangu le! |
| **MamNtshilibe:** | He e e! He e! |
| **Mxesibe**: (*ubetha uHlumelo*): | Kwedini! Kwedini! |

**MamNtshilibe:** Hayi tata umntan'am! Yhu! Hayi, hayi, hayi. Yeka umntana! Yhu! Hayi maan tata! Usaya nasecaweni. Ndiza kuyisombulula le nto kaHlumelo.

**Mxesibe:** Ndiza kubuya! Ndiza kubuya ngaye. Ndiza kuyibetha le ntwana! Yhu!

**MamNtshilibe:** Yhu! Yhini umyeni wam bethuna!

**Mxesibe:** Nkosikazi, khawuthi ndihambe. Tyhini le ntwana! Itshay'intsang'wendlin'am! Ndiza kuyifumana!

**MamNtshilibe:** Owu! Uhambe kakuhle maan tata, uhambe kakuhle.

**Mxesibe:** Ndiza kuyifumana! Ndiza kuyifumana!

**UMamNtshilibe** (*uhleli yedwa. Uthetha yedwa. Uyothuka kuba ubona isitshixo sesefu)*

He –e-e –e! Nasi isitshixo! Tyhini nasi nesesefu! He maan makhe ndiye maan uyaqonda? Ndiye kulaa sefu mhlawumbi ndizawubhaq'into pha. Uyaqonda? Ndiza kubhaqa into.

(*Uyothuka! Ubona imali, iipilisi nentsangu*):

**MamNtshilibe**: Yhu! He –e-e! Nantso ke! Yhu! Bethun'u umyeni wam imali engaka maan angayifihla njani? Yhu hee! Nantso ke! heeeeeeeee! Yho! Yho! Imali engaka! Yho! Yile mali siyifunayo ke le! He eeeeeeeeee! Mntan'omNtshilibe! He maan! Heeeeeeeeeeee! He maan! Heeeeeeeeeee! Heeeeeeeeeee! Utata kaHlumelo uza kuyichaza ke ngoku! Yintoni le? Ininzi into ekule sefu! Tshini! Heeeeeeeeee! Halaaaaaaaala!hay! hay! hay! hay! Hay, hay, hay, hay. Mh! mh! Tyhini!

## Part Two

**MamNtshilibe**: Heeee! Makabuye! Makabuye! Makabuye. Yhini! Umfundisi wonke maan! Umfundisi wonke maan!Inokuba kuthiwa ni ehlelweni? Iyaziwa le nto? Iyaziwa le nto yalo tata? Yhu! Yhu! Yhu! Akafane naye uHlumelo ethe phithi naye yile ntsangu. Yhu! Heeeeeeeee! Hay makabuye mntak’abawo. Khon’ iphuma nini na le cawe?

*( ujonga iwotshi)*

Hay hay hay hay! Mh! Mh! Mh! Tyhini! Yhu! He e! Makabuye mntakamama. Khon’iphuma nini na le cawe. Mh mh.

*(Kungena uMxesibe evela ecaweni)*

**Mxesibe:** Yhe nkosikazi, ndafika uthetha wedwa aph’endlini!

**MamNtshilibe:** Chopha phantsi tata! Chopha phantsi! Chopha phantsi! Yhu!

**Mxesibe** (*onwabile*): He sthandwa sam! Ndikuphathele iindaba! Azimnandi!

**MamNtshilibe:** Yhu! Heeeeeee! Myen’am hlala phantsi! Hlala phantsi!

**Mxesibe:** Mamela mamela ndikuxelel’iintwezi.

**MamNtshilibe:** Hee ee! Mh mh!

**Mxesibe:** Phaya enkonzweni ngoku kuthiwa mandibe ngumdikoni.

**MamNtshilibe:** Wena lo?

**Mxesibe:** Mna lo

**MamNtshilibe:** Ube ngumdikoni!Mh! Mh!

| | |
|---|---|
| **Mxesibe:** | Nqo! Ewe (*elungisa ibhatyi ngokuzimisela*) Ndikuxelel'ukukuxelela. |
| **MamNtshilibe:** | He maan tata, jonga. Ndiyabona akuyibonanga le nto! Tata! ziipilisi ezi. Yintsangu le! Uyaqonda? Shhhh! |
| **Mxesibe:** | Ngoku ndingekhoyo mna aph'endlwini wena ungen'esefini yam! |
| **MamNtshilibe:** | Mameela! He wethu! Mamela! |
| **Mxesibe:** | Uthath'iinto zam ezisesefin'am. Ujong'zinto zam ezisesefini yam. Akukho nto ingekhoyo aph' endlwini. |
| **MamNtshilibe**: (*Utsho ejula izitshixo, imali, intsangu neepilisi*) | He wethu! Mamela! Shhhhhhhhhh! Myen'am. Singaviwa ngabamelwane. |
| | Le yimali uyaqonda? |
| **Mxesibe:** | Ubufunani phaya? |
| **Mantshilibe:** | Bendifun'imali phaya. |
| **Mxesibe:** | Ubufunani pha? |
| **MamNtshilibe:** | Bendifun'ukupheka into esiza kuyitya kaloku, ebusuku, aph'isupper, uyaqonda. Mamela ke ngoku. Ndibona le. Uyabona ke le? Le? Yhu! H e e e! |
| **Mxesibe:** | Hlala phantsi kaloku nkosikazi ndikuxelele kakuhle ngale ntsangu. |
| **MamNtshilibe:** | Uyabona le? H e e! |
| **Mxesibe:** | Mamela, mamela, undimamelisise. Uyawubona lo msesane? Lo? Uyayibona le wotshi? |
| **MamNtshilibe:** | Ndiyazibona. He maan idibana njani yonke le nto nale? |
| **Mxesibe:** | Yimali yale ntsangu. |
| **MamNtshilibe:** | Intoni? |

| | |
|---|---|
| **Mxesibe**: *(ephakamisa iipilisi nentsangu*) | Yimali yale ntsangu.Yimali yezi pilisi. |
| **Mamntshlibe:** | Intoni? |
| **Mxesibe:** | Ungangena apho ekhitshini, yimali yentsangu. Zonke ezi zinto, yimali yale ntsangu, yimali yezi pilisi. Le mali uyibonayo ndiyenze ngezi pilisi. |
| **Mantshilibe:** | Intoni? |
| **Mxesibe:** | Yimali yale ntsangu.Yimali yezi pilisi.Le mali uyibonayo ndiyenze ngale ntsangu nezi pilisi. |
| **Mantshilibe**: (*ephakama egqwashula ngumsindo, engayikholelwa le nto*). | Ezi zinto zez…… He e e e ! |
| **Mxesibe:** | Yonke le nto uyinxibileyo yimali yale ntsangu. |
| **MamNtshilibe:** | He maan! Hee! |
| | He e e e e! (*edidekile engazi nokuba makathini kukothuka nomsindo*) |
| **Mxesibe:** | Mamela ke ndikuxelele.Uyayibona,loo tv ume ecaleni kwayo?Yijonge kakuhle.Uyayibona? Yimali yale ntsangu! |
| **MamNtshilibe:** | Halaaaala!Hay ,hay ,hay ,hay,!He maan! |
| **Mxesibe:** | Ungangena'aph'ekhitshini .Uyayibona loo friji ilapho?Yintsangu.Yonke le nto ilapha endlwini yile ntsangu! |
| **MamNtshilibe**: (*Ekhomba ifanitshala, esinekile*) | Yonke le nto!! |
| **Mxesibe:** | Yile ntsangu! |
| **MamNtshilibe:** | Tata! He maan! |
| **Mxesibe:** | Nqo! Sukundixelel'enyinto ke? Hlala phantsi. Ndingumdikoni mna qha! |
| **MamNtshilibe:** | He maan! Undixelela ukuba yonke le nto yimali yale ntsangu? Aba Tupperware yimali yentsangu! |

| | |
|---|---|
| **Mxesibe:** | Nqo! |
| **MamNtshilibe:** | UHlumelo tata uyaqonda ukuba uyithatha kuwe le nto? |
| **Mxesibe:** | Ungandfanisi noHlumelo mna. |
| **MamNtshilibe:** | He maan! Etshaya intsangu nje nguwe! NesiXhosa siyayitsho le nto, sithi igqabi aliwi kude kunomthi walo. Yhu maan! Yhu Yhu! Hay! Hay! Hay! Mh mh mh! |
| | Yhu maan! |
| | Mh- mh – mh -! |